




Ingxabano phakathi kwabantu neenyoka

Tshepiso Mogaswa
Adonay Gebru





Kudaladala kwakukho umfana onguMosimane.

Wayebathanda abantu ethetha nabo ngesimilo.

Wayekuthanda ukuya kuphumla ngasemlanjeni.

Ngenye imini eselapho emlanjeni wadibana nenyoka.



“Molo Nyoka,” watsho uMosimane.

“Molo Mhlekaazi,” waphendula uNyoka.

Unyoka waxelela uMosimane ukuba angamenza abe sisityebi. Kwakufuneka nje uMosimane athathe uNyoka ambeke entloko kuye aye naye kwindawo ayikhethileyo.

Wayekhangeleka ethembekile uNyoka.



UMosimane wayengumntu olungileyo. Wavuma ukuyithwala ayibeke entloko le nyoka.

Yena noNyoka bawuwela umlambo.



Kwakuwelelwa kwelinye icala lomlambo, uNyoka wacela ukuba bobabini mababe ngabahlobo njengoko iinyoka zingenabahlobo kakade.

Engakhange athandabuze uMosimane wathatha ngokuvuma.

Endleleni badibana noNgcuka.



“Molweni bantu bam,” watsho uNgcuka.

“Molo Mnumzana Ngcuka,” UMosimane noNyoka bavuma ngaxeshanye.

“Niyaphi?” wabuza uNgcuka.

“Siya kwindawo endithanda ukuba siye kuyo,” waphendula uNyoka. UNgcuka wayemangalisiwe.



“Ufumana umvuzo ophucukileyo ngokumbeka kwintloko yakho uNyoka?” UNgcuka wayebuzisa kuMosimane.

UMosimane zange axelele uNgcuka ngento athenjiswe ngayo nguNyoka.

Baqhubela phambili ngohambo lwabo uMosimane noNyoka.



Kolo hambo lude lwasematyholweni waziva ediniwe uMosimane.

Badibana nomalume Dyakalashe esecaleni komthi owawunomthunzi.

Umalume Dyakalashe wayejongisisa lo Nyoka wayezisongele kwintloko yalo mfana. Zange ayikholelwe loo nto wayeyibona. Waqalisa ukuhleka.



UNyoka wakhlimela umalume Dyakalashe esithi,

“Uhleka ntoni? Kanti oku kuhleka kwakho kungasixabanisa!”

“Mna noNyoka singabahlobo bokwenene!” UMosimane wamxelela ngolo hlobo umalume Dyakalashe.

Kangangexesha elifutshane wacingisisa umalume Dyakalashe. Emva koko waqalisa ukuthethela phantsi.



Nyoka, suka entlokweni yam ukuze ndimve kakuhle umalume Dyakalashe,” watsho uMosimane.

Waqhuba esithi, “Nyoka, ndikuthwele ndakuwezela kwelinye icala lalo mlambo, kude kwalapha ndisakuthwele. Uphi umvuzo wam? Bendinga ukuba singabahlobo.”



Wabuza umalume Dyakalashe, “Wena akwazi ukuba iinyoka azithembekanga?”

UNyoka wakuphawula ukuba uMosimane ucaphukile, kwangoko wanyubelezela kwelo hlathi wabashiya.

Wagoduka uMosimane wafika wabachazela abantu ngale nyoka.

Kude kube namhlanje, akakho umntu ozithembileyo iinyoka.



Ulwazi Lwethu is a Zenex Foundation funded and initiated project to develop a series of graded and leisure African language readers and teacher support materials. This project is targeted at teaching and supporting learners in the Foundation Phase to improve their home language reading and understanding. The readers have been originated in nine African languages in collaboration with Molteno Institute for Language and Literacies, Nelson Mandela Institute for Education and Rural Development, Room to Read South Africa, and Saide. All resources are developed as Open Education Resources (OER).



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

The Ulwazi Lwethu readers and storybooks have been quality assured and approved by DBE.

Your attribution should include the following:

Title: Ingxabano phakathi kwabantu neenyoka

Author/s: Tshepiso Mogaswa

Translator/s: Angelinah Dazela

Illustrator/s: Adonay Gebru

Assurer/s: Bukeka Mahlangabeza

Language: isiXhosa



© Zenex Foundation - Saide 2025 (Updated Edition)

CC BY includes the following elements:

BY  – Credit must be given to the creator

